encumile. “Ngoku

masijongeni

iincwadi

siboneni ukuba

singafumana

ntoni na!

Afrika,

khumbula

ukuba

wawufuna

ukufunda

ukwakha indlu

yentaka.”

Bonke

bathatha

ixesha bejonga

iincwadi waza

uMama wafumana

eyayibonisa indlela yokwenza izinto ezahlukeneyo ngomthi.

“Ndiyacela, ungandithengela yona?” uAfrika wamcela umama wakhe.

“Ewe, ukuba uyayithanda,” watsho uMama.

Lafika ixesha lokuba kuhanjwe. “Jonga, Asanda!

Ndigoduka nencwadi yam ndiyithwele!” watsho uAfrika engcekelele incwadi yakhe entsha.

“Ungalibali ukuyithi qwa impumlo yakho emoyeni njengenkosana!” wahleka uAsanda.



Up'hi?

Libali lika-Ann Walton

Imifanekiso izotywe nguRico

Iguqulelwe esiXhoseni nguSindiswa Mbokodi

“Siyokuthenga! Siyokuthenga!” UAfrika

watsiba-tsiba phambi koDintle. Umama wakhe

uMme wa Afrika wamncumela, waza uDintle

waqhweba izandla.

“Ewe,” watsho uMme wa Afrika, “ngoko ke nxiba

izihlangu zakho. Kufuneka sikhawuleze. Kusafuneka

sihambile siye esikhululweni sebhasi.”

Esikhululweni sebhasi, babebani nzi abantu

ababelinde ibhasi. Besakuba bonke bengeni le

ebhasini, bonke babexinene. UMme wa Afrika

wamningatha uDintle. Kwahlala omnye umama

ecaleni kwakhe. UAfrika wahlala kwelinye icala

likamama wakhe, ecudiseke ngasestileni. Kodwa

wayengakhathazekanga konke konke kuba lento

yayithetha ukuba uza kukwazi ukukroba ngefestile.

Ekugqibeleni umqhubi wakhwaza, “Isikhululo



ethengisiweyo.

“Uyakwazi ukwenza laa nto wena, Mama?”

uAfrika wabuza umama wakhe.

“Ukwenza ntoni?” wabuza uMme wa Afrika.

“Ukuthwala izinto entloko ngoluya hlobo,”

watsho uAfrika.

“Ewe ndiyakwazi. Kulula,” watsho umama wakhe.

UAfrika wambukela lo mama ehamba esinka

wada wanyamalala kwisiqu sabantu ababeme

phakathi kweevenkilana.

“Ndiqinisekile nam ndingazithwala izinto

entloko!” watsho uAfrika ezithethela. Wabona

ibhotile yesiselo yepplastiki eyayingenanto phantsi.

Wayichola wayithwala, kodwa kwafuneka eyibambile

kuba yayimana isiva.

“Wee!” kwatsho

intombazana kufutshane

naye. “Ndiza

kukubonisa ukuba

yenziwa njani loo

nto!” Wathatha

ibhotile yesiselo,

wathwala entloko

yakhe, waza

impunlo eyithe

qwaa, wahamba

wajikeleza uAfrika

oku kwenkosazana



Abazali bakhe bajongana, bancumelana baze bathi, “Ngokuginisekileyo, ungaphangela nathi.” Yayiyimini eshushu le kodwa kwakusibekele. Emeyezweni kwakuzole apha ngendlela engaqhelekanga.

“Ndicinga ukuba ilanga aliphumanga namhlanje kuba lisizela inkonyana yendlulamthi,” watsho uSisanda.

Indlovukazi enkulu kakhulu yayionga olu sapho ludlula kuyo.

“Mhlawumbi ithe nga ukuba kutheni

intombazana encinane iphangela nabazali bayo nje,” watsho umama kaSisanda.

USisanda wanqwala, “Iza kumangaliswa

ngakumbi xa ifumanisa esona sizathu,” wacinga njalo uSisanda.



Bayifumana inkonyana yendlulamthi imi yodwa.

Yayithokombisile, iijingisa loo ntamo yayo inde namehlo ayo amakhulu namdaka eyekhangeleka edangele. USisanda wasondela kangangoko

anakho apha kuyo. Wawula ingxowana yakhe waza wakhupha kuyo incwadi. Emva koko, abazali bakhe

besamangaliswe, wagalisa ukufundela inkonyana yendlulamthi. Yayika intloko ilandela ilizwi lakhe

yaze yamamele ngokungathi iyaliqonda igama ngalinye. Ekugqaleni, abazali bakaSisanda babecinga

ukuba ukufundela indulamthi yindlalo kwaye yinto engaqhelekanga, kodwa yaguquka indlela abacinga

ngayo xa bebona indlela eyayizole ngayo inkonyana – amehlo ayo anobubele ejonge kuSisanda.

“Ibali lam livenze yaziva ingcono,” uSisanda uxelele utatomkhulu wakhe bakufika ekhaya.

USisanda wayeyindwendwela le ndulamthi incinane amaxesha amaninzi emva kwemini

nangeempelaveki. Kwaye ngalo lonke ixesha eyindwendwela, wayeyiphathela ibali elitsha aza

kwabelana ngalo nayo. Aba bahlobo babini batsha babekhangeleka befanenelele kakhulu kangangokuba

nabakhenkethi abadlulayo babebafota.

Kancinci-kancinci indulamthi encinane yomelela. Abantu bomyezo weziliwanyana

babeyikhathalele kakhulu kwaye nalo lonke uthando eyayilufumana kumhlobo wayo omtsha, uSisanda, lwalusebenza ngokomlingo.

Ngenye imini umlawuli womyezo weziliwanyana wacela uSisanda ukuba amthiye igama lo mhlobo wakhe mtsha.

“Ndicinga ukuba uThokozani ligama

eliminandi,” watsho uSisanda.

Ngosuku olulandelayo umlawuli womyezo

watsalela utitshala kaSisanda umnxeba. Wamema

bonke abantwana abafunda eklasini kaSisanda

ukuba beze emeyezweni baze kubona uThokozani.

Le ndulamthi intle yayikhulile inde kwaye yomelele

kwezi nyangana zintathu ukususela kutyelelo lokugala lukaSisanda.

Ngomhla wohambo, abantwana abafunda

iBanga le-3 abangamashumi amane babelinde

ngothakazelelo ukuba kuvulwe amasango omyezo

weziliwanyana. Emva koko, ngokuzingca okukhulu,

uSisanda wakhokelela wonke ubani kuThokozani.

Abanye babantwana bajongela indulamthi ende

bemangaliswe. Abanye babo babegqitheka

ngobuphakuphak. Utitshala wabo, uNkosazana

Khanyile, wasuka nje yena wazincumela.

“Umhlobo wakho mhle kakhulu, Sisanda.

Umenzele ububele kakhulu,” watsho utitshalakazi

ngokuzolileyo.

“Ngubani igama lakhe?” yabuza enye

inkwenkwe.

“UThokozani uthetha ukuthi ‘vuyani,’ wacacisa

njalo uNkosazana Khanyile.

Abantwana bahlala phantsi bamamela lo

gama uSisanda ebatfundela

ibali awayelifundele

uThokozani

mhla begala

ukuhlangana.

Umlawuli

womyezo

wabafota.

Abakhenkethi

ababezidulela

nabo babafota.

Kwanentatheli

yephephandaba

lasekulaleni

ugobo nayo

yabafota.

Yathembisa ukuba

ifoto yabo iza kupapashwa kwiphephandaba

kwakansinyane. Wonke ubani waqhweba izandla.

Esinjani sona isipho! Ukufundela impiliso

yomhlobo.



Yabelanani ngebali namhlanje!



Ukuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

nalibaliSA

@nalibaliSA



UNeo kunye nehlabathi elikhulu nelibanzi

Libali likaVianne Venter
Liguqulelwe esiXhoseni nguNobuntu Stengile
Imifanekiso yekaRico

UNeo wakroba phandle ngefestile yegumbi lakhe, ejonge ubungwevu nokusibekela kwezulu nezantyalantyala zamanzi ezidame kweso sitalato sibonakala naso singwevu kwakunye nabantu abamanzi nababonakala bengwevu, bekhawuleza kuba bebeleka loo mvula ingwevu ibaxhaphazayo. Wayengakwazi ukuphuma phandle, kwaye wayesele emfundele zonke iincwadi zakhe uMbali.

Kanye ngelo thuba, kwangena uGogo, iinwele zakhe zivukuzwe ngumoya ovuthuza phandle. Wayephethe into ethile ngesandla. UNeo wayeyibona ukuba yinto ebusibaca, ebusikwere, nenemibala emininzi le ... kwaye iyavuleka – kanye oku kwetyesi enobutyebi!

“Le yayiyeyona ncwadi ndiyithandayo xa ndandisemncinane njengawe lo,” uGogo wamxelela oko uNeo. “Lo yayingumnyango wam wokungena kwihlabathi elikhulu nelibanzi.”

Emva koko, wavula incwadi leyo. Kwiphepha lokuqala kwakukho umfanekiso wendawo yomlingo, ekude kakhulu nengafaniyo nale mini imbi nengwevu, isibekeleyo ayibona phandle. Ithafa laliluhlaza yaka, kuthe rhwelele imibalanzana ebugolide namdaka apha naphaya, phezulu kuthe gqume isibhakabhaka esihle, esikhulu nesizuba, kunye nelanga elishushu, elityheli, litshisa loo mhlaba uphantsi kwalo.

“Wowu! Ingaba le nto yinyaniso?” wakhuya uNeo.

UGogo wancuma. “Akuyazi na? Onke amabali ayinyaniso, ukuba uyakholelwa kuwo,” watsho. Emva koko wolatha indawo kwelo phepha apho kwakuhamba khona inkwenkwana, engangoNeo lo kanye, inqumla ithafa.



Njengokuba uGogo eqhubeka nokufunda ibali, uNeo wawavala amehlo akhe wemkisela ngengqondo yakhe, wenyuka iinduli ... wanqumla loo mhlaba mkhulu nomdaka ngebala ... waya kutshona kwilizwe elikhulu nelibanzi. Weva amazwi asethafeni.

“Phuma! Phuma!” yacula isitsho intakana encinane.

“Yimini entle lei!” yatswina yenjenjalo nenyenzane. “Yiza, yiza uze kudlala,” wasebeza usitsho umoya phakathi kwaloo ngca inde.

UNeo wakhumbula imvula engwevu nenethayo,

waze wazibuza ukuba ingaba kuloo meko angaphuma phandle kusini na. Kodwa ebalini, ungenza nantoni na oyifunayo. Kwakungekho mvula apha. Uthe ke ngoko, uNeo wahamba, enqumla ithafa.

Into yokuqala awayibonayo yayinde kwaye imdaka ngebala, inomzimba owomeleleyo nowenziwe ngokhuni. Yayineengalo ezinde nezimdaka ezazifikelela esibhakabhakeni, kunye nentloko enkulu ecekethekileyo neneenwele ezingamagqabi eziluhlaza nezazishukushukuma ziye ngapha nangapha kuloo mpepho ifudumeleleyo.

“Molo,” watsho uNeo ewathe gqa amehlo.

“Uyintoni?”

“Ndingumthi. Ndibona konke okulapha kula mathafa mahle nabugolide. Gwencela unyuke uze kubuka kunye nam.” Umthi wathoba waya kuye, waze

waze wazibuza ukuba ingaba kuloo meko angaphuma phandle kusini na. Kodwa ebalini, ungenza nantoni na oyifunayo. Kwakungekho mvula apha. Uthe ke ngoko, uNeo wahamba, enqumla ithafa.



uNeo naye wagwencela.

Kuloo masebe omthi apho phezulu, uNeo wayekwazi ukubona apho liphela khona ihlabathi. Kwaye kwakukho izinto ezininzi kuyo yonke indawo, kude phaya kunaye, kangangokuba wangenwa luloyiko akucinga ngazo zonke ezi zinto kwanendawo akuyo apha emthini.

Kodwa umthi wambamba wamkhusela, waze wamsebezela usithi, “Hamba uye kuhlola ilizwe. Musa ukoyika. Lihlabathi elimangalisayo, elikhulu nelibanzi eliya.”

Ngoko ke, naye uNeo wehla emthini waze wahamba indlela yakhe, enqumla ethafeni.

Kungekudala uhlangene nesidulana sentlabathi eqinileyo nesinemingxuma, engathi yiminyangwana emincinane. Wayesiva amazwi angathi sisigidi

Yakhala impempe baze bangena phakathi ebaleni kwakhona abadlali ukuze kuqalise isiqingatha sesibini. Umdlalo waqhuba ngendlela izinto ebezisenzeka ngayo kwisiqingatha sokuqala ... kwade kwasala umzuzu nje omnye!

Ibhola yayikuNeo. Walaqaza

ejonga ukuba ingaba akakho

na oweqela leDiamond

okufutshane kuye. Nakanye,

wayengamakiswanga, eyedwa

jwi. Wabaleka waya

phambili, eqhuba ibhola.

Ngephanyazo wathi gqi

umdlali weDiamond.

UNeo wayemjonge tsho

emehlweni lo gama

akhaba ibhola ethe

yaphuma phakathi

kwemilenze

yalo mdlali.

Kwathi nkxwe

ngababukeli,

bekhwaza ngenxa yemincili.

Omnye umdlali weDiamond weza kuNeo ukuze axhwile

loo bhola. Ngokukhawuleza, uNeo wayigqithisela kuPriya.

Wonke umntu wayebambe umphefumlo lo gama uPriya

ethatha ibhola, eyikhaba ngamandla.

LADUMA!

Unozinti weDiamond zange ayibone nokuyibona ibhola

xa isiza! UPriya wayelifakile inqaku.

Kungekagqithi nomzuzwana nje omnye, laphela ixesha.

Uthe uPriya esabuyela phakathi emva kokubhiyozela inqaku, usompempe wayivuthela kakathathu impempe yakhe ukusonga umdlalo! IMaqhawe yayiwuphumelele umdlalo!

UNeo wavuya kangangokuba wabaleka waya kuPriya,

wafika wamfunqula!

Bobabini babaleka ukuya kumaqabane eqela labo



nakumqeqeshi wabo owayesecaleni lebala, baze bonke baxhawulana. Emva koko, uPriya noNeo bathi ngqe ukuya kutata kaNeo. URahul wayeyivuthela ngamandla ivuvuzela yakhe.

“Lo ibingumsebenzi omhle kakhulu noyifaneleyo iayisikhrim, Priya noNeo,” watsho utata kaNeo. “Ingaba amaqhawe ethu amabini angakuthanda oko?”

“Ewe! Singakuvuyela kakhulu ukufumana iayisikhrim,” wabaphendulela uMbali. Bahleka bonke akutsho.

UNeo wafunqula uMbali wambeleka xa babesiya kuthenga iayisikhrim. Nokuba akawafakanga amanqaku amabini njengoko ebefuna, kodwa uncedise itshomikazi yakhe ukuba ifake inqaku lempumelelo! UPriya yena?

Wayevuya kakhulu kuba elo yayilinqaku lakhe lokuqala alifakele iMaqhawe. Isandi sevuvuzela kaRahul sasiluncuthu oluvakala ngathi ludlalelwa yena nje kuphela.



www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

nalibaliSA

@nalibaliSA



Ukuvuselela umdla ebantwaneni
ngokubalisa amabali nokufunda

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

nalibaliSA

@nalibaliSA

Umzuzu wokugqibela

Libali likazukiswa Wanner

Imifanekiso izotywe nguRico

Liguqulelwe esiXhoseni nguKholisa Podile

“Ndiza kufaka

amanqaku amabini namhlanje, Tata,” watsho uNeo ngelixa enxiba iibhutsi zakhe zebhola ekhatywayo.

“Kwaye

ndiza kuncedisa ngokongeza amanqaku amathathu kulawo, Malume,” watsho uPriya owayesandul’ ukufika kuloNeo ehamba nomtakwabo omncinane, uRahul. URahul wayephethe ivuvuzela yakhe ebornvu kwe.

Wahleka uTata kaNeo. “Kulungile ke, ndiza kuhlala ethembeni lokuvuyisana nani kahlanu!”

“Nam, Malume! Ndingalubonisa uvuyo lwam?” wabuza uRahul.

“Ewe, nakanjani nyana,” watsho utata kaNeo encedisa uMbali ekunxibeni izihlangu zakhe. “Mashambeni ke ngoku!”

Bonke bangena emotweni. UNeo wayehlali ngaphambili. Wayekhe wahlala apho amayeeli amaninzi ngaphambili. Wayeqinisekile ukuba xa uyise enumumela, iya kuthi yakuba mide ngokwaneleyo imilenze yakhe, akwazi kwangoko ukughuba imoto. Kwakubukeka kulula kakhulu oko. URahul noPriya bahlala ngasemva bekhage uMbali. Bamnyumbaza waza ke wagijitheka naye.

Ngephanyazo, babona sele befikile ebaleni lebhola. Babefake kanye ngesesha ukuze uPriya noNeo bakwazi ukujoyina amaqabane egqela labo leMaqhawe Football Club, ukuze nabo bazifudumeze ngokunjalo. Namhlanje babedlala neDiamond Football Club.



“Khumbulani ukugqinisekisa ukuba niza kuyifiphalisa

ukukhanya kwayo kakhulu iDiamond Football Club de emva komdlalo inyanzeleke ukuba ilitshintshe igama layo, ibe yiCoal Football Club,” watsho umqeqeshi.

Kungekudala lafika ixesha lokuba abadlali babaleke besiya kungena ebaleni. Usompempe wavuthela impempe yakhe, waza waqala umdlalo.

Umdlalo waqala ngokucothayo, kodwa waqalisa ukutshisa kungekudala. Kwakukho ingxolo enkulu kakhulu ngenxa yeentsapho zabantwana bamacala omabini amaqela ebhola, ababetsho ngesankxwe, bekhuthaza abantwana babo. Ibhola yayiba kweinye icala lecala ithuba elitshande ukuba lidana, kuthi xa kubonakala ngathi iya ngasezipalini, omnye wabadlali ayibe ayigxothel! Umdlalo waqhuba ngolo hlobo kwade kwaphela isiqingatha sokugqala.

“Ndikruqkile yile nto! Benthembiise ukuba niza



kufaka amanqaku,” wayesitsho uRahul xa uNeo noPriya besondele, besiza kuphumla ngasemigceni esemacaleni.

“Ewe nangoku. UMbali ufuna amanqaku, uMbali ufuna amanqaku,” waphindaphinda esitsho uMbali. “UMbali uyozela ngoku,” woleka ngelishoyo ezamla. UNeo noPriya basuka nje bayiya intsimi lo gama bebalaka ukuphindela kumaqabane egqela labo.

sabantu abaxakekileyo, kwaye kwakuvakala nezingqi zeenyawana ezincinane, ngathi kubaleka izigidi ezithandathu zabantu abaxakekile.

“Molweni! Ningobani?” uNeo wakhwaza, ekrobe komnye waloo mnyango.

“Molo!” kwaphendula ilizwana elincinane.

“Sizimbovane. Sibalisa amabali ehlabathi elingaphakathi apha. Ingaba uyafuna ukuweva amanye awo?”

UNeo wayewathanda amabali, ngoko ke wahlala phantsi waphulaphula. Iimbovane zabalisa amabali azo asethafeni nasehlathini, kwakunye nawasezintabeni nawezixeko ezikude.

“Amabali kanti maninzi kangaka?” wabuza watsho uNeo.

“Ubuninzi bamabali buyafana nobuninzi beenkwenkwezi ezisesibhakabhakeni,” zaphendula iimbovane.


UNeo wawangawangisa ngesandla, exelela iimbovane ukuba zisale kakuhle, lo gama yena aqhubeka nendlela yakhe, enqumla ethafeni.

Ekugqibeleni, uNeo wahlangana nomlambo oqukuqela amanzi, ukusuka kusasa ukuya ebusuku, unqumla kuloo ntlambo. UNeo wangena kuwo ezama ukuphozisa iinyawo zakhe ezishushu.

Amanzi atshiza iinyawo zakhe aze ahleka. “Ndingumlambo. Ndisuka ezintabeni ndiye elwandle. Yiza, ndilande! Ndiza kukugodusa.”

UNeo wacinga indlela ekungamandi ngayo oko. Ngoko ke, wawulandela umlambo ukunqumla kuloo ntlambo naphakathi kwezo ntaba. Ekunye nomlambo lowo, bazula yonke loo mva kwemini phantse kwada kwasebusuku, de ekugqibeleni uNeo wafikelela encotsheni yenduli.

Phezulu apho, uNeo wayibona kakuhle idolophana



encinane, ihlambulukiye kukucocwa zezo mvula, yaze yamenyezeliswa lelo langa lqala ukutshona.

Emva koko umlambo wandyonkya ngobubele, “Hamba ke ngoku, ugoduke. Kukho abantu abakuthandayo phaya emva, abalinde ukwabelana nawe ngamabali.”

UNeo wehla endlulini apho, wangena edolophini. Wabona izitalato ezixakekileyo ezinqumla idolophu, kanye njengomlambo lowo. Wabona izindlu, zifudunyezwe kukukhanya kokutshona kweelanga nokugqala korhayu. Ngaphakathi kwezo zindlu, abantu babexakekile, kanye njengeembovane ezincinane awayehlengene nazo.

Ekugqibeleni, uNeo wakroba efestileni apho wabona ixhegwazana elidala, elineengalo ezomeleleyo kunye neenwele ezifana namasebe omthi omkhulu,



livala incwadi laza lathoba laphuza inkwenkwana encinane lisithi busuku benzolo kuyo.

UNeo wacinga ngethafa kunye nomthi, neembovane kwakunye nomlambo. Kwaye uthe xa ebukele eli xhegwazana, kwavela umnyama owakhanyisa ngemibala eqaqambe kakhulu loo ndlwana encinane, eyayikhangeleka ngathi ngumfanekiso osencwadini yamabali. UNeo wacinga ngamahlandinyuka akhe amanqalisayo kumaphepha eyona ncwadi ihandwa nguGogo, waze wacinga ngaye noMbali ekhaya.

Zithe ke iingcinga zikaNeo zamthatha kuloo ncwadi, zamfaka ebhedini yakhe, kwigumbi lakhe elifudumeleyo, elikwindlwana yakowabo encinane.

Yiyo kanye loo nto ke, ekutini ngalo lonke ixesha ihlabathi likhangeleka lisibekele okanye lingewu, linganiki mdla, kwaye negumbi lakhe likhangeleka lilincinane kakhulu, uNeo ewula incwadi. Ungena kumnyango ophakathi kuloo maphepha, aze ahambe aye kwihlabathi elikhulu nelibanzi.

Yabelanani ngebali namhlanje!



Ukuvuselela umdla epantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)



Esona sandi siqaqambileyo ehlabathini

Libali likaNiki Daly
Imifanekiso izotywe nguRico
Liguqulelwe esiXhoseni nguMlami Matshingana

UBella wayenesithukuthezi lo gama uMama ecoca indlu.
"Phuma noNoodle niyokubethwa ngumoya,"

wamecebisa ngelitshoyo uMama.
UNoodle walandela uBella ukuphuma kwakhe phandle,
wafika wachophela ecaleni kwakhe, kwipavumente. UBella
wazamla akugqiba wasezela umoya. Wawungavakali
uhlaziyekile tu. Kwakunuka umsi weemoto ezidumayo.



Vruuum! yahamba imoto. Pooop! yahamba nenye.
Drooom, drooom, drooom! sahamba isithuthuthu. Tshi-
tshi-tshi-tshi-tshi! yahamba iveni endala enamavili amadala
nomzimba orusileyo.

UBella waqalisa ukubala izandi ezikhoyo
kokumngongileyo. Zazizine awayesele ezivile!
Driii-driii-driii! watsho umatshini wokugrumba indlela.
Graaa-graaa! uNoodle wagragramela umatshini. Dufu,
dufu, dufu! watsho umculo ongxolayo uphuma etekisini.

Pepere-pee, pepere-pee, pepere-pee! latsho inenekazi
likhwaza xa lithetha kwiselula yalo. Ohwayi, qhwayi,
qhwayi! zatsho izihlangu ezichophileyo kwipavumente
xa lihambayo. Gxashi, gxashi, gxashi! imbaleki yagqitha
ibaleka ngakuBella. Hawuuu, hawuuu, hawuuu! uNoodle
wakhonkotha imbaleki. Vityooo, vityooo, vityooo!
yantiyontya ikhwelo inkwenkwe isebhayisekileni.

"ZILISHUMI ELINESIBINI izandi!" watsho uBella.

Kodwa yonke le ngxolo ngoku yaqalisa ukwenzela
uBella isiyazi, wabona ukuba makayeke ukubala waza wathi,
"Yiza Noodle, masiye emva kwendlu apho kuthe cwaka
kamnandi khona."

Emva kwendlu, iimoto zavakalela kude kakhulu.

Bakwazi nokuva ingonyana emnandi entyilozwa yintaka

xa isithi, tsiyo-tsiyo. UBella wacimela, waphulula uNoodle.
Kusenjalo, bobabini batsiba ngesaquphe!

"**Yhoooo! Shuuuu! Yhoooo!**" Eyona ngxolokazi
yayisothusa yathi gqi endlwini kaGogo, kwelinye icala
lodonga olungasemva. Ngokukhawuleza, uBella wabaleka



ukuya kuxelela unina ngakuvilleyo.

"Kukho ingxolokazi eyothusayo ephuma endlwini
kaGogo!" kwakhwaza uBella phakathi kwaloo vruuu, vruuu!
wevakyhumklina engxolayo. UMama wayicima ngoko
nangoko.

"Andivanga nto tu nje mna," watsho uMama.

"Mamela!" watsho uBella. Wayiva ke ngoku uMama
ingxolo!



"**Yhoooo! Shuuuu! Yhoooo!**"

"NguGogo lowo," watsho uMama. "Khawuleza!

Masibaleke siyokujonga ukuba kwenzeka ntoni na."

UMama, uBella noNoodle behla ngendlela bebaleka,

bajikela ekoneni besiya endlwini kaGogo. Bafike uGogo

esekhitshini evuthela isandla sakhe ngamandla.

"**Shuuuuu!** Ndizitshise esandleni ngengozi ngoba
budenge bembiza eshushu!" wakhala esitsho uGogo.

"Sifake emanzini abandayo eli xa ndilanda ikiti yoncedo



lokuqala," watsho uMama, waza wathi ngeeee ukubuyela
kwakhe – phaqa, phaqa, phaqa.

Wabuya ngokukhawuleza uMama ephethe ibhokisana
encinci emhlophe nenomngamlezo obomvu esicikweni.

Wakhupha amafutha wathambisa isandla sikaGogo, waza
akugqiba wasibopha ngebhandeji.

"Gogo, awuzukwazi ukupheka unesi sandla
sibuhlungu," watsho uMama. "Wena nosapho lwakho niza
kutya nathi isopholo ngobu busuku."

"Enkosi kakhulu," watsho uGogo. "Thatha noba

bubhanxa balaa mbiza ineembotyji uhambe nayo

uyokongeza ekutyeni kwethu."

Ngexesha lesidlo sangokuhlwa, kwafika uGogo
nosapho lwakhe.

Mhmm, Mhmm! – benza eso sandi bakuva ivumba
elimnandi lokutya okuphekwe ngekheri ngumama kaBella,
kwaza kwagalelwa neembotyji zikaGogo. UNoodle naye
waphakelwa kancinci esityeni sakhe. Xhafu, xhafu! wakutya
konke wakugqiba ngephanyazo. Emva koko xhapha,
xhapha. Wasela amanzi agcwele isitya sakhe!

"Ndiyavuya kakhulu nindivile xa ndigxwala, ndikhwaza,"
watsho uGogo kuBella.

"Bendisabala izandi endizivayo ukuva kwam le ngxolo,"
watsho uBella.

"Owu bethu, nasi ke esinye isandi," watsho uGogo
egobela ngakuBella. Mncwaa! waphuza uBella esidleleni.
UBella walilibala ngoku inani lezandi azibalileyo, kodwa esi
sona sasiqaqambile!

"Esi sesona sandi ndisithandayo!" watsho encumile.

Ngexesha lokulala, uMama wabuza uBella wenjenje,

"Uyasazi ukuba sesiphi esona sandi ndisithanda kakhulu



mna?"

"Sesiphi?" wabuza uBella.

"Sesi!" watsho uMama, enyumbaza uBella esiswini.

Ha, ha, ha, gi, gi, ha, ha, ha, ha! wahleka uBella.

Ewe! Intsini sesona sandi siqaqambileyo kwihlabathi
jikelele. Awutsho?



Ukuvuselela oko abantwana banokukwazi
ukukwenza ngokubalisa amabali nokufunda




@nalibaliSA

nalibaliSA

www.nalibali.mobi

www.nalibali.org



Neo grabbed Hope's arm. "Look," he said, "Tin's on stage! But where is the We Can Band?"

Before Hope could answer, Tin stepped up to the microphone. "Hello!" she said. "ARE YOU READY TO START THIS PARTY?"

"Yebo, yes!" shouted the crowd.

Tin started playing her guitar. "Repeat after me," she said as she started singing. "Left foot back."

"Left foot back," sang the crowd.

"Right foot back," sang Tin.

"Right foot back," sang the crowd.

Josh and Hope were smiling and singing along, but Neo was still looking around for the band.

Soon the party was in full swing. Tin sang her songs while Neo, Hope, Josh and Bella played along. And Noodle barked every now and then to join in too!

Then the other artists each sang a song from their country. The crowd cheered and clapped. They loved the show!

"You see," said Tin to the We Can Band, "this little team saved the dream! Thanks to the four of you ... and Noodle, everyone enjoyed a wonderful party!"

Kungekudala umbhiyozo wawuqhuba. UTin wayecula ingoma yakhe ngelixa uNeo, uHope, uJosh noBella nabo babedlala izixhobo zabo zomculo.

Imvumi nganye yacula ingoma yelizwe layo.
Inginginyayayivuya iqhwaba izandla. Bayithanda
inkqubo!

“Niyabona,” watsho uTin kwiWe Can Band, “eli qela lincinci libe luncedo! Ndiyabulela kwesi sine ... nakuNoodle, wonke ubani uwonwabele umbhiozo!”



"Gogo," said Neo, "did you hear that? They said everyone is welcome. May we please go? Please?"

Gogo looked at Neo and smiled. "If Josh and Hope are allowed to go, then you may go too," she said. Josh and Hope were out the door as quick as a flash to ask their parents' permission to join the party at the park.

When they came back to fetch Neo, Hope told Gogo that Bella and her mom would be going too.


"Okay, off you go then. Stay close together," said Gogo.

"Gogo," watsho uNeo, "Uvile? Bathi wonke ubani wamkelekile. Sicela ukuya?"

UGogo wajonga uNeo wancuma. “UKuba uJosh noHope bayavunyelwa ukuba bahambe, nawe ungahamba,” watsho uGogo. UJosh noHope babesele bengaphaya komnyango ngokuphazima kweso ukuya kucela imvume kubazali ukuba babe yinxalenye yombhiyozo wasepakini.

Bathi xa bebuya beze kuthatha uNeo, uHope waxelela uGogo ukuba uBella nomama wakhe nabo bayaya.


"Kulungile, nawe ungahamba ke. Nihlale nikunye," watsho uGogo.





Epakini, uNeo wabona uBella nomama wakhe kwankqu noNoodle wayezile!
"Ndicinga ukuba wonke umntu wengingqi yethu ulapha," watsho uNeo. "Kukho
ndabantu abatsha kananjalo."
"Mame! ... " watsho uJosh. "Ingaba abanye baba bantu bathetha isiFrensh?"
"Ewe!" watsho uHope. "Kwaye ndiva nesichewwa naso nesishona."

At the park, Neo saw Bella and her mom, and even Noodle had come along! "I think everyone from our town is here," said Neo. "And some new people too."
"Listen ... " said Josh. "Are some people speaking French?"
"Yes!" said Hope. "And I can hear Chichewa and Shona too."



Tin strummed her guitar and said, "LET THE MUSIC BEGIN!"
As Tin pointed at Neo and Hope, they beat their drums. Then Tin sang, "Left foot back," and pointed at the crowd.
"Left foot back," sang the crowd.
Next Tin pointed at Josh and he shook his shakers in time to the beat.
"Right foot back," sang Tin.
"Right foot back," sang the crowd.
Tin pointed at Bella. The row of tins chimed beautifully as Bella swung them against each other. Noodle barked excitedly.

UTin wadlalisa isiginci wathi, "MAWUQALISE UMCULO!"
Njengoko uTin wayekhomba kuNeo noHope, baqalisa ukubetha amagubu. UTin wacula, "Unyawo lwasekhohlo emva," wabuya wakhomba kwinginginya.
"Unyawo lwasekhohlo emva," yacula inginginya.
Okulandelayo uTin wakhomba kuJosh owashukumisa iinkatshaza zakhe ngaxeshanye ehambelana nesingqi.
"Unyawo lwasekunene emva," wacula uTin.
"Unyawo lwasekunene emva," yacula inginginya.
UTin wakhomba kuBella. Umqolo weetoti zenza ingxolo emyoli njengoko uBella wayezijiwuzisa ezingqubanisa enye kwenye. UNoodle wakhonkotha yimincili.



Get story active!



Yenza ibali linike umdla!

Here are some activities for you to try with your family. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *A party at the park* (pages 5, 6, 27 and 28) and *The boastful little weaver bird* (page 30).

A party at the park

Before you read the story

- ★ Ask your children to share their thoughts with you about a concert that they would like to go to. Ask them what they would look forward to most and who they would take with them.

After you've read the story

- ★ Talk to each other about different musical instruments, the sounds they make and where they come from. Talk about which household items could make good instruments (e.g. an empty coffee tin for a drum or empty bottles for a xylophone).
- ★ Choose one or two instruments that you spoke about, collect what you need to make them and listen to the sounds they make when you play them.
- ★ Ask younger children to draw their favourite part of the story. Older children can write about a party they would like to have, what would happen at the party and who would be there.
- ★ Look at the picture below. In each thought bubble, write what you think the character is thinking about. Then colour in the picture.

Nantsi imisebenzi onokuyilinga nosapho lwakho. Isekelwe kuwo onke amabali akolu shicilelo loHlelo lukaNal'ibali: *Umbhiyozo epakini* (amaphepha 5, 6, 27, ama-28) nethi *Ihobohobo elincinci elizigwagwisayo* (iphepha 31).

Umbhiyozo epakini

Phambi kokuba ufunde ibali

- ★ Cella abantwana bakho ukuba babelane nawe ngeengcinga zabo malunga nekhonsathi abanokuthanda ukuya kuyo. Babuze ukuba yeyiphi eyona nto abanokuyilangazelela yaye ngubani abanokuthanda ukuya naye.

Emva kokuba ulifundile ibali

- ★ Thethanani ngezixhobo zomculo ezahlukeneyo, izandi ezizenzayo nendawo ezivela kuyo. Thethanani ngokuba zeziphi izinto zasendlwini ezinokwenza izixhobo ezifanelekileyo (umzekelo itoti yekofu engenanto ukwenza igubu okanye iibhotile ezingenanto ukwenza izayilofowuni).
- ★ Khetha isixhobo esinye okanye ezibini enithethe ngazo, qokelela oko ukudingayo ukuzenza uze uphulaphule izandi ezizenzayo xa uzidlala.
- ★ Cella abantwana bakho ukuba bazobe eyona ndawo bayithandayo ebalini. Abantwana abadadlana bangabhala ngetheko abangathanda ukuba nalo, into enokwenzeka embhiyozweni yaye ingubani oya kuba lapho.
- ★ Kwintetho yeqamza ngalinye leengcinga, bhala into ocinga ukuba umdlali ngamnye ucinga ngayo. Uze ufakele imibala emfanekisweni.



The boastful little weaver bird

- ★ Use clay, playdough or even Prestik to create the characters in the story, or draw your own pictures of them and cut them out. Use your characters to retell the story in your own way!
- ★ Do you know of any other stories that have snakes and birds in them? What happens in these stories? Are there any similarities to this story?



Ihobohobo elincinci elizigwagwisayo

- ★ Sebenzisa udongwe, intlama yokudlala kanti nePrestiki ukwenza abadlali ebalini, okanye zoba eyakho imifanekiso yabo uze uyisike. Sebenzisa abadlali bakho ukubalisa ngokutsha ibali ngendlela yakho!
- ★ Ingaba unamanye amabali owaziyo aneenyoka neentaka kuwo? Kwenzeka ntoni kula mabali? Ingaba ikhona indawo afana ngayo neli bali?



The boastful little weaver bird

Written by Nicky Webb ■ Illustrated by Vian Oelofson



Once there was a little weaver bird that was very proud of his beautiful yellow feathers and shiny black beak. He sat on the reeds by the side of the river shouting to anyone who would listen, "Look at me! Am I not beautiful? Look at my bright yellow feathers! See how my beak shines in the sun!"

The other birds and animals didn't like the little weaver bird. It wasn't just that he was boastful, he was also mean.

"Hey, Crocodile!" shouted Weaver, "You have really ugly teeth. They are big and jagged and yellow, and you have bits of meat stuck in them! Sies! I bet you wish you had a beautiful beak like mine!"

Crocodile slid under the water and thought about how nice it would be if Weaver was stuck in his teeth!

When it was time for Weaver to build a nest, he went about it in his usual boastful way. Instead of choosing bits of grass and reed and feathers like the other birds, he picked up pieces of shiny paper and sparkly sweet wrappers, which he wove into the nest. When he was done, his nest sparkled and twinkled in the sun. "Hey, everybody," shouted Weaver. "Look at my nest! Isn't it magnificent? See how it shines in the sun!"



A tortoise ambled past the reeds and stopped to look at Weaver's strange nest. "Don't you wish that you had a home like mine, Tortoise?" tweeted Weaver. "Yours is very dull and boring. See how mine sparkles."

Tortoise shook his head. "I am happy with my shell, Weaver. It keeps me safe, and that is all that is important to me."

Next, a little field mouse poked her head out of a pile of dry leaves. A piece of foil in Weaver's nest caught her eye. "Wow, Weaver, your nest is very bright," she squeaked.

Weaver puffed up his feathers. "Isn't it?" he said proudly. "Are you not tired, Mouse, of living in brown leaves and twigs? How very sad and drab your house is."

"No, Weaver," said Mouse. "When you are my size, you are on the menu of lots of other animals. When I burrow deep into my pile of leaves, no one can see me and that stops me from being eaten. I'd rather be safe than sorry."

"I am sure that you are just jealous," sniffed Weaver with his beak in the air.

Now there was a big snake near the river that had been sleeping through the winter. When he woke up, he felt very hungry, and so he went in search of something tasty to fill his stomach. He came across the little tortoise basking in the sun. Tortoise took one look at Snake's flickering tongue and beady eyes and pulled his head straight back into his shell. Snake nudged Tortoise a few times, but it seemed like this was just a hard shell, so he moved on to look for something that he could sink his teeth into.

Soon Snake spotted Mouse, who was gathering seeds and other tasty treats for her lunch. He slithered towards her, trying to make as little noise as possible, but his grumbling stomach gave him away. Mouse shot off as fast as her little legs could carry her and squirmed quickly down to the bottom of her pile of dry leaves. She lay there quietly, not moving a whisker. Snake prodded the leaves for a bit, but his tummy was now growling loudly. He was too hungry to dig through all those leaves for a meal as small as Mouse, so he moved on.

Soon he found himself down by the river. There, the strangest thing caught his eye. It looked just like a nest, but it sparkled and blinked in the bright sunlight. Snake spotted Weaver flying into the nest. "Funny that a bird would not try to hide his nest from a hungry snake," said Snake to himself.

He crept silently towards the river and wound his way up the reeds to Weaver's nest. Luckily, just as he was about to poke his head into the nest and eat the little bird, he was spotted by the other birds, who shrieked and cheeped a warning. Weaver shot out of his nest just in time and managed to get away, but Snake knocked the beautiful nest to the ground, where it broke apart.



"That will teach you, Weaver, for being such a show-off," chirped the other birds.

"And look!" cried a little chick, "your feathers have turned brown!"

Weaver looked at his wings in horror. They were indeed completely brown. He felt very ashamed. Not only had he nearly been eaten, but his house had been destroyed and his beautiful yellow feathers were quite brown and ordinary, just like lots of the other birds.

Weaver had learned his lesson. He stopped showing off and started being kinder to the other animals. Although his feathers turned yellow again, to this day, every winter, they turn brown again to remind him of his foolishness.



Drive your
imagination



Ihobohobo elincinci elizigwagwisayo

Ibhalwe nguNicky Webb Imifanekiso nguVian Oelofson



Kudala-dala kwaye kukho ihobohobo elincinci elalizigwagwisa ngeentsiba zalo ezintle ezityheli nomlomo walo okhazimlayo omnyama. Lalihlala kwiingcongolo ezingasemlanjeni likhwaza nabani na owayenokuliphulaphula, “Ndijonge! Andimhlanga? Jonga iintsiba zam eziqaqambileyo ezityheli! Jonga indlela umlomo wam okhazimla ngayo elangeni!”

Ezinye iintaka nezilwanyana zazingalithandi ihobohobo elincinci. Yayingeyonto nje yokuba lizigwagwisa, koko lalikwakhohlakele.

“Yhee Ngwenya!” wakhwaza uHobohobo, “Unamazinyo amabi gqitha. Makhulu, azingxavula, atyheli, yaye unamasuntswana okutya axinge phakathi kwawo! Phuuu! Ndiqinisekile unqwenela ukuba ube ubunomlomo omhle ofana nowam!”

UNgwenya watshona phansti kwamanzi waza wacinga ngendlela ekwakunokuba mnandi ngayo ukuba uHobohobo wayexinge kumazinyo akhe!

Xa yayilixesha lokuba uHobohobo akhe indlwana yakhe, wenza njengendlela yakhe yesiqhelo yokuzigwagwisa. Endaweni yokuba akhethe izijungwana zengca neengcongolo neentsiba ngokufana nezinye iintaka, wachola iziqwengana zamaphepha akhazimlayo namaphepha akhazimlayo okubopha iiswiti, awazolukela endlwaneni. Wathi akugqiba, indlwane yakhe yabe ikhazimla idanyaza elangeni. “Yhe nina,” wakhwaza uHobohobo. “Jongani indlwane yam! Ayintlanga ngokumangalisayo? Jongani indlela ekhazimla ngayo elangeni!”



Ufudo lwathi chu ludlula ezingcongolweni lwaza lwema ukuba lujonge indlu kaHobohobo engaqhelekanga. “Awunqweneli ukuba unge unendlu efana neyam, Fudwazana?” wantyiloza uHobohobo. “Eyakho idangele kwaye iyakruqula. Jonga ukuba eyam ikhazimla kangakanani.”

UFudwazana wanikina intloko, “Ndonwabile liqokobhe lam Hobohobo. Liyandikhusela, yaye kuphela kwento ebalulekileyo kum leyo.”

Okulandelayo, impukwana yedobo yakroba ikwinqumba yamagqabi omileyo. Isiqwengana sefoyile kwindlwana kaHobohobo satsala umdla wayo. “Yho, Hobohobo, indlwane yakho iqaqambe kakhulu,” yatswina.

“Ayinjalo?” watsho ngebhongo. Awudinwanga, Mpukwana, kukuhlala kumagqabi amdaka nasezintsaseni? Hayi ukuba lusizi nokunganiki mdla kwendlu yakho.”

“Hayi, Hobohobo,” watsho uMpukwana. “Xa ungangam, ujongene nokutyiwa zezinye izilwanyana ezininzi. Xa ndithe ndavunduza ndatshona kwinqumba yamagqabi am, akukho mntu unokundibona yaye oko kunqanda ukuba ndingatyiwa. Ndikhethe ukukhuseleka kunokuba ndizisole.”

“Ndiqinisekile ukuba unomona,” enyevula uHobohobo umlomo ewuphakamisele emoyeni.

Ngoku kwakukho inyoka enkulu kufutshane nomlambo eyayilele ubusika bonke. Yathi xa ivuka, yaziva ilambe kakhulu, yaza yaya kukhangela into emnandi yokutya ukuzalisa isisu sayo. Yadihana nofudo oluncinci lothe ilanga. UFudwazana wajonga kwakanye kulwimi olulencezayo lukaNyoka namehlo aziingqanda waza warhoxisa intloko yakhe wangena eqokobheni lakhe. UNyoka wamqhoqhoza kambalwa uFudwazana, kodwa kwabonakala ngathi liqokobhe nje eliqinileyo, ngoko ke wemka eyokukhangela into awayenokuyiluma.

Kungekudala uNyoka wabona uMpukwana, owayeqokelela iinkozo nezinye izinto ezimnandi eza kwenza isidlo sasemini. Warhubuluzela ngakuye, ezama ukungangxoli kangangoko kwakunokwenzeka, kodwa isisu sakhe esasixuxuzela sambhaqisa. UMpukwana watsiba ngokukhawuleza kangangoko imilenze yakhe yayinokumthwala waza wajubalaza ngokukhawuleza wehlela emazantsi enqumba yamagqabi akhe omileyo. Walala apho ethe cwaka, kungashukumi nelinye ibhovu. UNyoka waxhokonxa amagqabi ithutyana, kodwa ngoku isisu sakhe sasigquma kakhulu. Wayelambe kakhulu ukuba angomba kuwo onke loo magqabi ngesidlo esincinci esingangoMpukwana, ngoko ke wedlulela phambili.

Kungekudala wazifumana esezanti ngasemlanjeni. Apho, into engaqhelekanga kakhulu yatsala iliso lakhe. Yayikhangeleka kanye ngathi yindlwane, kodwa yayikhazimla idanyaza kwilanga eliqaqambileyo. UNyoka wabona uHobohobo ebhabha engena endlwaneni. “Isimanga ukuba intaka ingazami ukufihla indlwane yayo kwinyoka elambileyo,” wazixelesa uNyoka.

Wachwechwa ngokuzola ukuya ngasemlanjeni waza wenyuka ngeengcongolo ukuya kwindlwane kaHobohobo. Ngethamsanqa, xa kanye wayeza kufaka intloko endlwaneni aze atye intakana, wabonwa zezinye iintaka, ezahlahlambayo zatswina zisenza isilumkiso. UHobohobo watsiba waphuma ngokukhawuleza kuseliithuba endlwaneni waza wakwazi ukubaleka, kodwa uNyoka wayibetha yawela phantsi indlwane entle, apho yaqhekeka yahlukana.



“Oko kuza kukufundisa, Hobohobo, ngokuba lithanda njezu,” zatswina ezinye iintaka.

“Yaye jonga,” yakhwaza intakana, “Iintsiba zakho zijike zamdaka ngebala!”

UHobohobo wajonga iintsiba zakhe ngokoyika. Ngokwenene zazimdaka ngokupheleleyo ngebala. Waziva eneentloni. Kwakungaphelelanga nje ukuba ephantse watyiwa, kodwa indlu yakhe yayitshatyalalisiwe yaye neentsiba zakhe ezintle zazimdaka ngebala zifana nje nezezinye iintaka.

UHobohobo wayefunde isifundo. Wayeka ukuthanda injezu waza waqalisa ukuba nobubele kwezinye izilwanyana. Nangona iintsiba zakhe zaphinda zajika zaba tyheli kwakhona, kude kube namhla, ubusika ngabunye, zijika zibe mdaka ngebala kwakhona ukumkhumbuza ngobuyatha bakhe.



A cartoon illustration of a family of four sitting on a pink sofa, reading books. The father, with dark hair and a beard, is on the left, holding a book. The mother, with dark hair and a pink bow, is next to him, also reading. A young girl with dark hair is sitting between them, reading a yellow book. A young boy with glasses and a red shirt is on the right, reading a book. A small table next to the sofa holds a lamp with a purple shade and a yellow base. Several books are scattered on the floor in front of the sofa, including one with a dog on the cover and another with a boy on the cover. The background is a simple orange and white pattern.





1.

-

1. Sika ukhuphe ibheji ulandela umgca ongamachaphaza abomvu.
2. Faka umbala emfanekisweni.
3. Sika isangqa esilingana nebheji ngobukhulu kwikhadibhodi ephephece, umzekelo, ibhokisi yesiriyeli.
4. Sebenzisa iglu ukuncamathelisa ibheji ekhadibhodini.
5. Sebenzisa into yokuncamathelisa eqinileyo ukuze uncamathelise umva wesipelitana ngasemva kwibheji yakho. Okanye ugqobhoze umngxunyana emantla ebheji ze ufake iwulu okanye umtya ukuze ukwazi ukuyijingisa entanyeni yakho.
6. Yonwabela ukunxiba ibheji yakho xa ufunda okanye umamele amabali ngoSuku lokuFunda ngokuVakalayo lweHlabathi.

2.

Jonga le mifanekiso ethathwe kwibali elithi *Umbhiyozo epakini*.
Yfakela amanani ukuze ilungelelane nendlela izinto ezenzeka ngayo
ebalini. Ngoku sebenzisa imifanekiso ukubalisa ibali kwakhona.



2.

Lungisa oonobumba abaxutyiweyo ukufumana izixhobo zomculo ezihlanu kwibali *Umbhiyozo epakini*.

ingcigisi

mbintsiii

oomakushu

Answers: 2. 13, 1, 4, 2; 3. drumsticks, guitar, drums, chimes, shakers
Impendulo: 2. 3, 1, 4, 2; 3. amaphini, isigingci, amagubhu, intsimbi, ooshukuma

Abakwa**Nal'ibali** bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Qhagamshelana nathi** nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:



 info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.



Drive your imagination

